# Inkcazelo Yokufuduka NeeVisa Zamaxhoba Obundlobongela Besondo Nokubethwa

Abafundi nabaphengululi abavela kwamanye amazwe abanemibuzo ngemo yabo yokufuduka neevisa bacetyiswa ukuba bacele uncedo kwigqwetha lokufuduka. Olu xwebhu luyindlela yokucacisa iinkalo ezithile zomthetho, kodwa aluthathi indawo yecebiso lezomthetho.

**Ndilixhoba lokubethwa, ngaba imo yam yokufudukela elizweni iyakuchaphazela ukufikelela kwam amalungiselelo ekhampasi?**

Hayi. Phantsi komthetho, abafundi nabasebenzi abangamaxhoba okanye abasinde kubundlobongela besondo nokubethwa bafumana amalungelo afanayo phantsi kweSolotya IX le-1972 Education Amendments (Title IX) nakwi-Violence Against Women Act (VAWA), kungakhathaliseki ukuba basuka kwelinye ilizwe okanye imo yevisa ithini.

Inkcazelo engamalungiselo onyango nawoluleko asekhampasini, kunye neendawo zokuhlala ezifumanekayo, zinokufunyanwa kule webhusayithi: https://www.tntech.edu/healthservices/

Inkcazelo ngenkqubo yokuziphatha kwabafundi inokufunyanwa kule webhusayithi: https://www.tntech.edu/policies/

IKholeji ayiyi kuziphindezela kuwe okanye ikuphathe ngendlela eyahlukileyo ngenxa yokuba uxele ulwaphulo-mthetho.

**Ngaba ndingakwazi ukufaka isimangalo njengomntu ovela kwelinye ilizwe ngokusemthethweni okanye ngokungekho mthethweni?**

Ewe. Inkcazelo ngengcaciso yephondo lakho ngokuhlukunyezwa ngokwesondo, ukubethwa ngumntu otshate naye, ubundlobongela bomntu othandana naye nokulandelwa inokufunyanwa kwiAnnual Security Report: https://www.tntech.edu/police/annual-security-report

Imibuzo ethile malunga nokufakela iindleko zingabhekiswa kuyo:


Zeva Edmondson, Title IX Office
1 William L. Jones Dr., Derryberry Hall 256, Cookeville, TN 38505
931-372-3112
https://www.tntech.edu/titleIX
zedmondson@tntech.edu


**Ngaba ikho imo yevisa neyokufuduka aba kuyo amaxhoba olwaphulo-mthetho?**

Ewe. Kumaxhoba okuhlukunyezwa ngesondo, ukubethwa ekhaya, ukubethwa ngumntu ozikhuphe naye nokulandelwa, zikho izinto onokukhetha kuzo kwiivisa, eziquka iiU kunye neeT Visa. Ukuze ufumane ingcombolo, thetha negqwetha lemfuduko.

| U Visa | T Visa |
|---|---|
| Kumaxhoba okuhlukunyezwa emzimbeni nasengqondweni ngenxa yesenzo sokwaphula umthetho, esiquka ukuhlukunyezwa ngokwesondo, ukubethwa ekhaya, ukudlwengulwa, ukubethwa, okanye olunye ulwaphulo-mthetho<br>-Ixhoba/umfaki-sicelo umele abe lixhoba lesenzo solwaphulo-thetho esifanelekayo kwaye ancedisane nophando kunye/okanye nokutshutshiswa kweso senzo solwaphulo-mthetho<br>-Idla ngokusebenza iminyaka emine<br>-Ukuba ufuna ingcombolo, thetha negqwetha lemfuduko, ujonge le webhusayithi:<br><br>http://www.uscis.gov/humanitarian/victims-human-trafficking-other-crimes/victims-criminal-activity-u-nonimmigrant-status/victims-criminal-activity-u-nonimmigrant-status | Kumaxhoba okuthinjwa kwabantu<br>-Amele ahambisane ngokwanelayo namagosa omthetho kuphando okanye ekutshutshiseni isenzo sokuthimba abantu (ngaphandle kokuba awakwazi ngenxa ikyokonzakala okanye ukuphazamiseka engqondweni), kwaye umele akwazi ukubonisa ukuba ixhoba/umfaki-sicelo uza kutsala nzima kakhulu ukuba uyahanjiswa eUnited States<br>-Idla ngokusebenza iminyaka emine<br>-Ukuba ufuna ingcombolo, thetha negqwetha lemfuduko, ujonge le webhusayithi:<br><br>http://www.uscis.gov/humanitarian/victims-human-trafficking-other-crimes/victims-human-trafficking-t-nonimmigrant-status |

The State University of New York

Iivisa zabafundi zeF-1 neJ-1
ÅUkhetho lokucela ukuphungulelwa iikhosi ngenxa yempilo oluqinisekiswe ngugqirha onelayisensi, ugqirha we-osteopathy, okanye ugqirha wokusebenza kwengqondo
ÅUkhetho, nemiphumo, yokurhoxa kwizifundo zakho
ÅInkcazelo ngokubuyela kwizifundo zakho kamva, ukuba umfundi ukhetha ukurhoxa
ÅUkhetho nemiphumo kumaqabane aze nabo
ÅInkcazelo ebanzi ngokhetho lokutshintsha imo yevisa.
ÅInkcazelo ebanzi ngeevisa zeU nezeT. (Ukuthunyelwa kwigqwetha lemfuduko elifanelekayo)
ÅUkuthunyelwa kwigqwetha elifanelekayo

Abasebenzi beH-1B, O-1, E-3, okanye beTN
ÅUkhetho lokucela emsebenzini, kunye nemiphumo kwimo yakho yokufuduka
ÅUkhetho nemiphumo kumaqabane aze nabo
ÅInkcazelo ebanzi ngokhetho lokutshintsha imo yevisa. Ukuthunyelwa kwigqwetha lemfuduko elifanelekayo
ÅInkcazelo ebanzi ngeevisa zeU nezeT. (Ukuthunyelwa kwigqwetha lemfuduko elifanelekayo)
ÅUkuthunyelwa kwigqwetha lemfuduko elifanelekayo
ÅUkulinda iincwadi zokuba ngumhlali eMerika (ikhadi eliluhlaza alikagunyaziswa)
ÅIfuthe lokushiya umsebenzi wakho kwisicelo sakho sokuba ngumhlali esixhaswa ngumqeshi;
ÅUkuthunyelwa kwigqwetha elifanelekayo